UBhubhu yinkwenkwe eyayineminyaka esithoba. Wayehlala kwilali yaseMbhashe ezalwa kusapho lwakwaBhobhoza.

UBhubhu wayenesiqu etyebile kuba wayekuthanda kakhulu ukutya. Ukutya awayekuthanda kakhulu yayinyama yenkukhu yakwa*KFC*, iitshiphsi, iiswiti kunye nesiselo esibandayo.

Wayebizwa ngokuba nguMafutha esikolweni. Wayethandwa kakhulu ngabazali bakhe. Babemthengela konke ukutya awayekufuna.

Babesoloko bemthengela iimpahla ezintsha kuba zaziba ncinci ngokukhawuleza kuye iimpahla. UBhubhu wayekuthanda ukucula nokudlala nomhlobo wakhe, uThiphiza Thambo.

UBhubhu wayehlala nabazali bakhe, uNkskz. noMnu. Bhobhoza. Oobhuti bakhe bobabini babefunda eyunivesithi.

Utata wakhe wayesisityebi esingawothiyo umlilo. Wayenamashishini, umhlambi omkhulu weenkomo kwaye wayekwanguceba kumasipala wendawo ababehlala kuyo. UBhubhu yena wayefunda ibanga lesi-3 eBhungalethu Primary.



UNkskz. Bhobhoza wayeqinisekisa ukuba uphatha ubhaka wakhe kunye nebhegi encinci ezele kukutya uBhubhu xa esiya esikolweni.

Abantwana abaninzi babekubawela ukutya kukaBhubhu.



Babesilwa ngokuphathisa uBhubhu le bhegi incinci ukuze abaphe ukutya kwakhe. Oku ke akuzange kumonwabise uThiphiza kuba yayingoyena mhlobo kaBhubhu usenyongweni.

UThiphiza wayekrelekrele kakhulu futhi ethule engathandi ukuthetha. Wayengakuthandi ukutya, enomzimba omlingeneyo nolingana nowoontanga bakhe.

Wayekuthanda ukucula noBhubhu xa bekunye. Enye into awayeyithanda yayikukuphulaphula amabali awayebaliselwa nguBhubhu. Babesebenzisana kunye kwaye bevelana.

UBhubhu wayekuthanda ukutya eklasini xa utitshalakazi ebhala ebhodini. Le nto ke yayimenza angawugqibi ngokukhawuleza umsebenzi wakhe eklasini.

Amakhwenkwe agezayo amxelela ukuba kufuneka angazihluphi ngemfundo kuba imfundo yeyabantu abahluphekileyo.



Abafundi ababebawela ukutya kwakhe bona babethembisa ngokuba baza kumbhalela umsebenzi wakhe xa enokubapha ukutya. UBhubhu wayesele eqhelile ukwenzelwa umsebenzi wakhe ngabanye eklasini.

UThiphiza akazange ayithande ke le nto. Wayewagxeka amakhwenkwe ayesenza le nto. La makhwenkwe amxelela uThiphiza ukuba uBhubhu ufana nevenkile yokutya kubo engafanele kuvalwa mntu.

Bamthembisa ukuba baya kumbetha adumbe abe mkhulu afane noBhubhu. Bamoyikisa ngokuba uza kubazi kakuhle ukuba nje ukhe waya kuxelela inqununu okanye utitshalakazi.

UThiphiza wayewoyika kakhulu loo makhwenkwe. Nangona kunjalo, waxelela umakhulu wakhe konke okwakusenzeka kuBhubhu esikolweni. Wayebuhlungu kakhulu. Wamchazela umakhulu wakhe ngendlela awayesemva naweyeshiyeka ngayo uBhubhu kwizifundo zakhe.

Umakhulu kaThiphiza uMayifohloza, ngokuzithoba okukhulu waye waya kuNkskz. Bhobhoza wamchazela ngale ngxaki.

Ngelishwa, wacaphuka kakhulu uNkskz. Bhobhoza. Watyhola uThiphiza kunye noninakhulu wakhe ngokufuna ukurhuqela igama likaceba uBhobhoza eludakeni!

Wamxelela ukuba uBhubhu ngumntwana okrelekrele omele kukuhamba isikolo esisedolophini kunye nabanye abantwana bezityebi.



Waphinda wathi unyana wakhe akafanelanga ukuba kwisikolo esinye nabantwana babantu abahluphekileyo, abafana nooThiphiza.

Waqhuba wathi uza kumxelela uceba ukuba uxelelwe ukuba unyana wakhe usengozini eBhungalethu. Ngoko ke uza kucela ukuba uBhubhu asuswe ngokukhawuleza eBhungalethu aye kufunda edolophini eSunshine Learning Centre.

Waqhuba exelela umntu omdala ukuba aphume aphele endlwini yakhe. Wamthembisa nangokumbizela amapolisa xa enokuphinda alubeke unyawo lwakhe kwakhe. Umakhulu waphantsa wawa ngethuba uNkskz Bhobhoza embakraza ucango evala.

Umakhulu uMayifohloza wagoduka ekhathazeke kakhulu yindlela uNkskz. Bhobhoza athethe ngayo kuye.

Wabalula ukuba uNkskz. Bhobhoza uzibizela amashwa emini ilanga lihlabe umhlaba. Wachaza ukuba inene uNkskz. Bhobhoza akabazi ubomi.



Wafunga esithi ngenye imini uNkskz. Bhobhoza useza kuwaginya amazwi awathethe kuye. UThiphiza wamangaliseka futhi wakhathazeka akuva ukuba uBhubhu uza kumka eBhungalethu.

Kwakukudala ke efuna ukumsusa uBhubhu eBhungalethu uNkskz. Bhobhoza amse e*Learning Centre*. Wayenqwenela ukuba athethe isiNgesi uBhubhu afane nabanye abantwana bezityebi. Wayesoyika ukuxelela umyeni ngalo mnqweno wakhe.

Iindaba ezazize nexhegokazi zenza ukuba umnqweno wakhe wenzeke lula.

Zange achithe xesha, wafonela umyeni wakhe wamxelela ukuba uchazelwe ngumakhulu kaThiphiza ukuba uBhubhu usengozini eBhungalethu ngoko mabakhawulezise baye kufuna indawo yokufunda kwinqunu yase*Sunshine Learning Centre.*



Umnu. Bhobhoza wamsusa uBhubhu eBhungalethu wamsa e*Sunshine Learning Centre*. Wahamba nonkosikazi wakhe baya kwiofisi yenqununu.

Inqununu, uMnu. Smith, yajonga iripothi yekota yokuqala yanikina intloko. Yabachazela ukuba amanqaku esiNgesi naweMathematika kaBhubhu asezantsi kwaye akaziphumezi iimfuno zokwamkelwa kwisikolo sakhe.

Wabakhumbuza ukuba kweso sakhe isikolo kufuneka sipaswe isiNgesi kuba sisetyenziswa kuzo zonke izifundo. Waphinda wabacacisela ukuba njengenqununu yesikolo kumele ukuba aqinisekise ukuba umgaqo wesikolo uyalandelwa. Watsho esithi akakwazi ukuba angamamkela uBhubhu.



Wathi akuyiva le nto wakhala kakhulu uNkskz Bhobhoza esithi kungcono ukuba afele kuloo ofisi. Yamoyikisa ke le nto uMnu Smith. Wakhawuleza wathi mababhatale imali yesikolo yeekota ezintathu baze bamthengele neyunifom.

Umnu. Smith wothuka xa ebulela uMnu. Bhobhoza ethembisa ukuba uza kuyibhatala yonke imali yesikolo efunekayo. Inqununu yabaxelela ukuba beze noBhubhu ngosuku olulandelayo. Yaziva ikhululekile inqununu bakuphuma eofisini yayo.

Ngosuku olulandelayo, uBhubhu wanxiba iyunifom yakhe entsha: ibhlukhwe engwevu, ihempe emthubi, iqhina eliluhlaza elinemigca emthubi kunye nezihlangu ezimnyama.

UMnu. Bhobhoza nonkosikazi wakhe bamsa esikolweni eSunshine ngemoto yabo entsha eyiMercedes, uBhubhu. UBhubhu wayethule ethe cwaka ngeli xesha umama wakhe wayethetha ekhangeleka onwabile emotweni.

Wamkelwa eklasini ngutitshalakazi omhlophe, ngezandla ezishushu uBhubhu. Wamangaliswa kukuba iklasi yayingazelanga njengaseBhungalethu kwaye umfundi ngamnye wayehleli yedwa.



Wayengazi nomnye kwabo bafundi babekulo klasi. Kwakuthe gqa gqa abafundi abamhlophe apho eklasini. Iklasi yayintle icocekile inayo yonke into elindelekileyo eklasini.

Wafika isitulo nedesika yakhe sele zimlindela. Wayeziva ngathi ulahlekile enqwenela ukuphindela eBhungalethu.

Lafika ixesha lokufundiswa kweMathematika, kwakuhlaziywa umsebenzi wekota yokuqala. UBhubhu wayemangalisekile kukubona abafundi bevula iincwadi zabo beqalisa ukubhala bengakhange baxelelwe ngutitshalakazi.

Utitshalakazi waya kuye wafika wavula incwadi ze wamcacisela ngesingesi into amele kukuyenza.

UBhubhu akazange ayive okanye ayiqonde into eyayithethwa ngutitshalakazi. Wayenqwenela ukuba ingacaciswa ngesiXhosa.

Abanye abafundi babexakekile bezenzela umsebenzi wabo ngokukhululekileyo. Babemana bejonga kuBhubhu owayesokola ukubhala.

UBhubhu waziva ukuba ulambile kakhulu. Kwavakala ukugqquma kwesisu sakhe. Abafundi bajika bonke bamjonga, baphela yintsini. Utitshalakazi wabangxolisa wathi mabazise iincwadi zabo kuye. UBhubhu akazange akwazi nokugqiba umbuzo omnye enye.



Esi sifundo salandelwa sisifundo sokufunda sesiNgesi apho umfundi ngamnye kwakufuneka ukuba afunde ngokukhwaza.

UBhubhu wethuka xa ebona indlela abafundi ababefunda ngayo. Yayingathi isiNgesi lulwimi lwabo. Yena wayengenakukwazi ukufunda akhwaze ngesiNgesi. Wavele walala, wavuswa ngethuba lekhefu.

UBhubhu akazange akwazi ukutya ngexesha lekhefu. Wasela kuphela isiselo sakhe. Wayekhumbula ukuhlala nomhlobo wakhe uThiphiza.

Emva kwekhefu, waya kwiklasi efunda isiXhosa efundiswa nguMisi Bhedla. Nalapho wasokola engakwazi ukufunda nokubhala.

Iveki yonke, wawumninzi umsebenzi awayengawugqibi. Kwakungekho nomtu owayemncedisa amanzise umsebenzi wakhe.

Abazali bakhe babexakeke ngamashishini abo kunye nezinto zasekuhlaleni. Ukungaqhubi kakuhle kukaBhubhu kwachazelwa inqununu ngokukhawuleza. Yona yabizela utata kaBhubhu esikolweni.

Wamangaliswa yile ngxelo uMnu Bhobhoza. Inqununu yamcacisela ukuba ulwazi lukaBhubhu lulingana nolomfundi okwibanga loku-1 apho e*Sunshine Learning Centre.*



Inqununu yanika uMnu. Bhobhoza le miyalelo ilandelayo: mabathethe isiNgesi noBhubhu xa esekhaya, makawujonge umsebenzi wakhe rhoqo futhi bamxhase, mabamncedise ekufundeni nasekubhaleni, mabakhangele umfundi onokumncedisa kumsebenzi wakhe, kufuneka uBhubhu angene iiklasi ezincedisana nabafundi abasokolayo ze abhale uvavanyo qho ngoLwesihlanu kwaye kumele kubonakale umahluko ingaphelanga inyanga kungenjalo uza kuphindiselwa eBhungalethu.

Yathi yakuqala yesibini kwabonakala ukuba ubunzima bukaBhubhu buhlile.

Wakhala uBhubhu waxelela umama wakhe ukuba yena akaphindi aye e*Sunshine Learning z*. Akuyiva le nto woyika kakhulu uNkskz. Bhobhoza.

Kwaba ngathi uyaphupha xa uMnu. Bhobhoza emxelela ngeendaba ezivela kwinqununu uMnu. Smith.

Walila engathuthuzeleki ecinga ukuba baza kuthini abantu kwaye ecinga nokuba baza kuba yintlekisa kuloo lali yaseMbhashe. Yonke le nto yayiza kumphambanisa.

Walilela umyeni wakhe esithi makazame ukuyisombulula le meko. UMnu. Bhobhoza wajonga imiyalelo yokuncedisa uBhubhu ayinikwe yinqununu. Wafumanisa ukuba kuza kuba nzima ukufumana umfundi onokuncedisa uBhubhu kwizifundo zakhe.



Wakhawuleza wakhumbula uThiphiza, umhlobo kaBhubhu.Wagqiba ukuba kuza kuba lula xa uthiphiza enokuhamba isikolo eSunshine kunye noBhubhu.

Wayengathandi ukubona unkosikazi wakhe noBhubhu bekhala ngathi kukho umphanga kwelo khaya. Wabathembisa ukuba uza kwenza konke okusemnandleni akhe ayilungise loo meko. UMnu. Bhobhoza waya kumakhulu uMayifohloza ngokuzithemba okukhulu. UMakhulu uMayifohloza wamangaliseka xa ebona uCeba uBhobhoza emisa imoto yakhe phambi kwendlu yakhe.

Wayesele evile ukuba uBhubhu ufunda eSunshine. Wayezibuza ukuba ingaba ufuna ntoni kwakhe uMnu. Bhobhoza. Wazibuza imibuzo emininzi malunga nento eyayifunwa nguceba endlwini yakhe. UMnu. Bhobhoza wafika wathi uBhubhu ufuna ukubona uThiphiza. Wachaza ukuba akakwazi ukuza ngokwakhe uBhubhu ngenxa yobuninzi bomsebenzi wesikolo. Wavuya kakhulu akukuva oku umakhulu Mayifohloza.

Oko wemka uBhubhu, uThiphiza wayesoloko engonwabanga kwaye ekhangeleka okomntu ogulayo. Wayemchazela ukuba ukhumbula uBhubhu futhi ufuna ukumbona.

Bathi bakufika, babona uNkskz. Bhobhoza owayekhangeleka ekhathazekile. Wayenganxibanga ngokohlobo aqhele ukunxiba ngalo.

Ngokuqhwanyaza kweliso, atsiba amakhwenkwe angana, acula kunye onwabile. Abambana abaleka aya kungena kwigumbi lokulala likaBhubhu. UMnu. Bhobhoza wafika bejonge iincwadi zikaBhubhu.

UThiphiza wayexakekile ecacisela uBhubhu umsebenzi owawunzima kuye. Wawanga omabini amakhwenkwe encumile.

Wawacela amakhwenkwe ukuba aze kuphunga naye iti. Umakhulu wayemangalisekile sesi sicelo sikaMnu. Bhobhoza kodwa ke wavuma.

Wavuma kuba wayengafuni ukuphoxa abantwana kuba bona babezivuyela ezi ndaba.

UMnu. Bhobhoza wema ngeenyawo wanga umakhulu Mayifohloza waze wambulela.



